**URhulumente weNtshona Koloni**
EzeMfundo

ICandelo lokuXhasa amaZiko ngeziBonelelo

Isalathiso: 20160721-2544
5/8/4/1/2
Imibuzo: V Madasi

ISetyhula: 0029/2016
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoQuqzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezichaphazelekayo

Isishwankathelo esifutshane: *Ukusiwa kweencwadi zokwenza umsebenzi zeDBE ezikhutshwa yiWCED zonyaka wesikolo u-2017*

**Isihloko: Ukusiwa kweencwadi zokwenza umsebenzi ze*DBE* zamaBakala R ukuya ku-9 ngo-2017**

1. Njengoko kuchaziweyo kwiSetyhula S17 ka-2015, iSebe leMfundo esiSiseko (*iDBE*) liya kuprinta lize lihambise iincwadi zokwenza umsebenzi kuzo zonke izikolo zikarhulumente (eziqhelekileyo nezemfundo eneemfuno ezizodwa) eNtshona Koloni ukwenzela unyaka wekhalenda yesikolo ka-2017.

   Ezi ncwadi zilandelayo ziya kusiwa ngqo ezikolweni:

   - Iincwadi zokwenza umsebenzi zeBakala R;
   - EzamaBakala 1 ukuya ku-6 zeeLwimi zeeNkobe;
   - EzamaBakala 1 ukuya ku-3 zeMathematika kulwimi lokufunda nokufundisa (*LoLT*);
   - EzamaBakala 4 ukuya ku-9 zeMathematika kwisiNgesi nakwiAfrikansi;
   - EzamaBakala 1 ukuya ku-6 zoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo lwesiNgesi; kunye
   - nezamaBakala 1 ukuya ku-3 zeZakhono zoBomi kulwimi lokufunda nokufundisa (*LoLT*).

   IVolyum 1 ka-2016 (yeKota 1 no-2) neyeBakala R ziya kusiwa kuzo zonke izikolo ungadlulanga owe-22 Septemba 2016.

   IVolyum 2 ka-2016 (yeKota 3 no-4) iya kusiwa kuzo zonke izikolo ungadlulanga owe-02 Disemba 2016.

Lower Parliament Street, Cape Town, 8001
tel: +27 21 467 9357/2129 fax: +27 21 467 2612
Safe Schools: 0800 45 46 47
Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
www.westerncape.gov.za

2. NgoMatshi 2016 kwakucelwe iSebe leMfundo leNtshona Koloni (i*WCED*) ukuba linike i*DBE* amanani abafundi aqikelelweyo eencwadi zokwenza umsebenzi eziza kuprintwa zisiwe ukwenza u-2017. Amanani abafundi anikwa i*DBE* asuselwa kwingcaciso ye*CEMIS* efanelekileyo eyayifumaneka ngelo xesha.

3. Inani leencwadi zokwenza umsebenzi eziza kusiwa kwisikolo ngasinye ziyangqinelana namanani abafundi anikwa i*DBE* yi*WCED*. Inani leencwadi zokwenza umsebenzi ngebakala ngalinye izikolo ezinokulindela liziswe yi*DBE,* linokujongwa kwikhasi *l*ewebhu le-*LTSM* (*CAPS textbooks*) kwikhasi leziko lewebhu le*WCED* (Idilesi yeziko lewebhu yile: http://wcedonline.pgwc.gov.za/branchPS/LTSM/index.html

4. Uxwebhu olusisikhokelo olucacisa inkqubo yaphambi nangethuba lokusiwa kweencwadi zokwenza umsebenzi ezikolweni luqhotyoshelwe apha njengesiHlomelo A.

5. Zakuba zizisiwe iincwadi zokwenza umsebenzi ngumboneleli-nkonzo we*DBE*, kulindeleke ukuba izikolo zithelekise inani leencwadi zokwenza umsebenzi ezizisiweyo namanani anikwe kweli ziko lewebhu likhankanywe apha ngentla. Naziphi iincwadi ezizisiweyo zolwimi olungachanekanga okanye ezishotayo mazixelwe kuxwebhu olububungqina bokusiwa kwazo (*proof of delivery*) (*POD*) yaye oko makwaziswe umboneleli-nkonzo obezise iincwadi zokwenza umsebenzi egameni le*DBE*.

6. I-*DBE* ifaka ii-*POD* zesikolo ngasinye kweli ziko lewebhu: http://www.schoolmaster.org.za yaye kukhuthazwa izikolo nezithili zingene kweli ziko lewebhu ukungqinisisa iinkcukacha ezimalunga nokuziswa kweencwadi. Inombolo ye-*EMIS* yesikolo inokusetyenziselwa ukuloga kwiziko lewebhu.

7. Ngo-Oktobha 2016, zonke izikolo ekusiwe kuzo iincwadi zokwenza umsebenzi ziya kucelwa ukuba zingene kwi-*CEMIS* ukufaka amanani abafundi aqikelelweyo ango-2017 nenani ngqo leencwadi zokwenza umsebenzi ngesifundo ngasinye nangebakala ngalinye ezifunyenwe kwi*DBE*. Ngethuba lokwenzeka kwale nkqubo, iincwadi zokwenza umsebenzi ezishotayo okanye ezingaphaya kwenani ziya kuqwalaselwa kuze kuxelelwe izithili malunga noko. Le ngxelo iya kufumaneka ku-*EduInfoSearch*.

8. Amagosa ezithili achaphazelekayo aya kuba noxanduva lokuququzelela ukusiwa kweencwadi zokwenza umsebenzi eziqatshelwe njengezishotayo.

9. Kucelwa wazise okukule setyhula bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-PA VINJEVOLD
**INTLOKO YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2016-08-01